URhulumente weNtshona Koloni
NGOWAKHO

# ISAZISO SOKUNIK' IXABISO

## IFOUNDERS GARDEN PROJECT (FGP)
## UKUFUMANA UMPHUHLISI KUNYE NEZIKO LEZENTLALO YEZINDLU ZOKUHANJISWA KOPHUHLISO LOKUSETYENZISWA OKUXUBENEYO KWENDAWO YOKUHLALA

**INOMBOLO YESINIKIMAXABISO: RFP S015/25 DOI**

URhulumente weNtshona Koloni (WCG) uchonge isiza iFounders' Garden kwidolophu yeSixeko saseKapa embindini wedolophu sokuhanjiswa kophuhliso lwendawo yokuhlala engumxube. Isayithi ezihekthare ezi2.19 ikumda weZitlato iDF Malan kunye neJan Smuts iHertzog kunye neFW De Klerk Boulevards ("iSiza"), kwaye simelene nesakhiwo iArtscape Theatre ("iSiza iArtscape").

I-WCG, ngeSebe layo leZiseko zoPhuhliso (DOI) iya kwenza iSiza iFounders' Garden ifumaneke kumphuhlisi ngokuthengisa kunye nesivumelwano sophuhliso phantsi kweemeko ezithile zophuhliso, kunye nokudluliselwa kweenxalenye eziphuculweyo kubasebenzisi. Iimeko zophuhliso ziquka ezi zilandelayo:

- Umphuhlisi kufuneka aphuhlise uphuhliso oluhlangeneyo olukumgangatho ophezulu, olukhokelwa liziko, olunezicelo ezahlukeneyo olwenza ubonelelo lwezindlu zentlalo lube phezulu ngokwemigangatho elandelayo:
    - ubuncinane i80% yendawo evumelekileyo yomgangatho weSiza kufuneka iphuhliselwe ukusetyenziswa kwezindlu (oku kungumqathango wokuphinda uhlelwe ngokutsha); kwaye
    - ubuncinane i45% yendawo yokuhlala kufuneka iphuhliselwe izindlu zeNtlalo njengoko kucetywayo phantsi koMthetho wezINdlu zeNtlalo.
- Uphuhliso kufuneka ibonelele ngendawo ekhuselekileyo nenokhuselo apho ukuhamba kwabahambi ngeenyawo kunye neendawo zoluntu ezidolophini kuyinto ephambili, kubandakanywa ipaki yomntu wabucala yabucala nelondolozwayo yobuncinci obungange4 370m$^2$ efikeleleka kuluntu ngamaxesha afanelekileyo, kuthathelwa ingqalelo ukhuseleko nokhuselelo lwendawo.
- Umlinganiselo wophuhliso kufuneka usekwe kwiimvume zokusetyenziswa komhlaba ukuze kuncitshiswe ukulibaziseka kophuhliso.

I-WCG DOI imema abaphuhlisi abanomdla nabanamava afanelekileyo ukuba bangenise iziphakamiso ezisesikweni ngokuhambelana neSicelo seSiphakamiso (RFP) eya kukhutshwa.

Ababhidayo kufuneka bacele uxwebhu lweRFP ngokuthumela i-imeyile ku-tpwtender.helpdesk@westerncape.gov.za. Isicelo kufuneka sibandakanye idilesi yeimeyile ekuzakuphendulwa kuyo, inombolo yesinikimaxabiso, igama leziko elicelayo, inombolo yobhaliso yeziko leenkcukacha zabaxhasi (CSD) kunye nenombolo yobhaliso yeBhodi yoPhuhliso loShishino loKwakha (CIDB) (ukuba ikhona). Luxanduva lomntu ofaka ibhidi ukuqinisekisa ukuba iqulethe onke amaxwebhu/ iifayile ze-elektroniki ezifunekayo ukuze kungeniswe isnikimaxabiso esipheleleyo.

Nceda ubhekise yonke imbalelwano nemibuzo enxulumene nale projekthi ku: DOI.FGAP@westerncape.gov.za.

QAPHELA: Iseshoni yokwazisa enyanzelekileyo iyakuqhutywa kwigumbi leentlanganiso eCape Gateway kumgangatho oseZantsi, 9 iSitalato iDorp, eKapa ngentsimbi ye11:00 ngomhla we14 kweyeThupha 2025.

Iibhidi kufuneka zifakwe kwibhokisi yezinikimaxabiso kwiOfisi yeZinikimaxabiso, kwikona yeSitalato iDorp neLoop, eKapa kungadlulanga intsimbi ye11:00 ngoLwesithathu umhla wama29 kweyeDwarha 2025.

Emva kokuphononongo iziphakamiso azifumanayo, uRhulumente weNtshona Koloni ugodle ilungelo lokungawongi naliphi na iqumrhu elifake ibhidi lisabela kule RFP.